



**education**

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**FEBRUARY/MARCH 2009**

**MEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Eli phepha linamaphepha ama-6.**

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

- 1.1 Kungokuba wayenyazelwa ukuba ayenze loo nto ngamadoda amabini awayephethe imipu. √√ (2)
- 1.2 Ukuba ndandazile / Imini endingasoze ndiyilibale / Ndiyalekile / Ukuhayikha akulunganga. √ [nasiphi isihloko esinokunikwa ngumfundu esinxulumene nesicatshulwa] (1)
- 1.3 Akawazi ukumelana neli nyala limehleleyo, uneentloni nangabantu ukuba baza kuthini ngaye. Akalali uthi akucimela ibuye yonke le nto / Ukungakholelwa sisithandwa sakhe. √√ (2)
- 1.4 Ukuziphosa phambi kololiwe amtshayise. √ (1)
- 1.5 Ukuhayikha akubizi mali ininzi / akulindi imoto izale ukuze ihambe, ukuhayikha kwenza ukhawuleze / ukunyuka kwamafutha kuba kusuka nabaneemoto baye kuhayikha. √ (1)
- 1.6 Udibana nezinto ngezinto ekuhayikheni, abantu abakhohlakeleyo abangakwenza into embi njengale nto yafunyanwa nguSipho / Ukuhayikha abantu ongabaziyo. √ (1)
- 1.7 Kukudlwengulwa kwendoda ngabafazi. √ (1)
- 1.8 Ukujonga ukuba akasulelekanga na yile ntsholongwane yeHIV. √ (1)
- 1.9 Sasiqala ukuva indoda idlwengulwe ngabafazi / Ayiqhelekanga into yokudlwengulwa kwendoda ngabafazi / sasicinga ukuba uPeter uyaxoka. √ (1)
- 1.10 Ndinkakhathazeka kakhulu kuba ayikholeleki nakum le nto yenzekileyo, andikwazi ukuyichaza ndinazo neentloni. Isidima sam njengendoda simkile ndiphelelwe nangamandla. √√ [nayiphi impendulo enokunikwa ngumfundu malunga novakalelo lwakhe] (2)
- 1.11 Uba ngumnyewu / Uba nomsindo ofana uvele / Uhlala yedwa angafuni kuthetha namntu / Uhlala enyembezana enesinqala / Uyoyika akafuni kubonwa ngabantu / Akatyi, Akalali / Yimikrwelo / Ligazi. √√ (2)
- 1.12 (B) Ayoyika ukuxela emapoliseni. √ (1)
- 1.13 Hayi. √ Sikho isiganeko soko esinye esaxelwa kwiGRIP / Ukho umfana owadlwengulwa eneminyaka eli-18 naye edlwengulwa ngamabhingga amathathu. √√ (3)

- 1.14 Unyanisile, √ kuba imoto yangena naye ehlathini waza wakhululwa wadlwengulwa ngendlela angazange wayibona ngamabhinqa amathathu√√. [nayiphi impendulo yomfundi echanekileyo yamkelekile] (3)
- 1.15 Ndiyavelana naye kuba ndiyayazi ukuba ucinga ukuba uza kuhlekwa abantu bamthathe njengomfazi, bamthuke ngaloo nto xa bexabana. / Isidima siyehla√ [nayiphi impendulo yomfundi echanekileyo yamkelekile] (2)
- 1.16 Ayefuna ukumsulela ngentsholongwane yeHIV / Ayezomeleza kwizenzo zawo ezigwenxa / Ayazonelisa efuna ukulala nomntu ongonwabanga njengoko ezizidlwengu√. [nayiphi impendulo yomfundi echanekileyo yamkelekile] (1)
- 1.17 Icinga ukuba uyaphosisa kuba zange ive indoda edlwengulwa ngabafazi, icinga ukuba uquma ukungathembeki kwakhe kuye / Yoyika nokusuleleka yintsholongwane kaGawulayo. √ (1)
- 1.18 Yinto engaqhelekanga ukudlwengulwa kwendoda ngumfazi, amadoda aqhele ukuthetha amaqhinga xa enze isenzo sokungathembeki ngoku naxa selethetha inyani akakholeleki. √√ (2)
- 1.19 Masikuyeke ukuhayikha kuba akulunganga / masikhwele izithuthi zikawonke-wonke kwiindawo ezikhwelelwa kuzo. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2**

- |    |   |     |
|----|---|-----|
| 1. | Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.                            | (3) |
| 2. | Sebenzisa awakho amazwi ngokusemxholweni.                           | (3) |
| 3. | Shwankathela ungadluli kumagama angama-60.                          | (2) |
| 4. | Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi koshwankathelo olo. | (1) |
| 5. | Umsebenzi wakho mawucocke.  | (1) |

Nazi iingongoma emasichankcathe kuzo:

- UZuma ngumfuyi weenkomo nomdlali weentonga eNkandla.
- Imbalela yaziitshabalalisa iinkomo zakhe kodwa wahlinzekwa ngezinye ngoonoteksi bakwaZulu.  
IkwaZulu-Natal neMpuma Koloni ziindawo ezixhomekeke kulimo nemfuyo, uMongameli we-ANC ajonge ukuziphuhlisa ukuba anganguMongameli welizwe.
- Kufuneka kuphuculwe amaphandle nabantu basezilalini.
- Uthi abantu mabalime, ukulwa intswela-ngqesho, bayeke ukuza ezidolophini ngelifuna umsebenzi, kudaleke amatyotyombe.
- UZuma ube ngumxolelanisi eBurundi naseKZN yaye xa angaba nguMongameli weli angazama ukuzisa uxolo nasezifama. (60)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3**

- 3.1      3.1.1     Imbonakalo yobuso bakhe, umzimba wakhe, indlela athetha ngayo.      (2)  
               ✓✓
- 3.1.2     Hayi. ✓ Intetho ngomzimba wakhe, imbonakalo yobuso bakhe / uxwebhu lwemithetho yabantwana aluphetheyo. ✓✓      (3)
- 3.1.3     Ikhona into aze kuyifuna angenakuyixeleta umama wakhe, njengeepilisi zokucwangcisa okanye ukukhupha isisu. ✓✓      (2)
- 3.1.4     Kwickesha langoku. ✓ Impahla abazinxibileyo, isipaji, imithetho yabantwana, impendulo engenambeko yomntwana kunina. ✓✓      (3)
- 3.2      3.2.1     ULizo uthanda kakhulu ukubhala. ✓      (1)
- 3.2.2     ULizo wayekuthanda kakhulu ukudlala. ✓      (1)
- [12]

**UMBUZO 4**

- 4.1      4.1.1     Aboni bayayibaleka ingqumbo kaThixo kuba **izonon** zabo ziyanbagweba. ✓      (1)
- 4.1.2     Wenza **isangqa** entlabathini umntwana. ✓      (1)
- 4.2      4.2.1     Sisivumelanisi esongezelelweyo sesiphawuli. ✓      (1)
- 4.2.2     Sisivumelanisi senjongosenzi. ✓      (1)
- 4.2.3     Sisimamva sesihlomelo sendawo / sesalathandawo. ✓      (1)
- 4.3      4.3.1     Ukungabi nasifuba kuyaxabanisa ✓      (1)
- 4.3.2     Kulungile ukuzityanda igila engxoxweni. ✓      (1)
- 4.4      4.4.1     Umququ. ✓      (1)
- 4.4.2     Ithonto / ibhoma / isuthu. ✓      (1)
- [9]

**UMBUZO 5**

- 5.1 Ibamba: Ibamba lale hagu lindiqhawule umnwe. ✓ (1)  
 Ibamba lenkosi liphwiwa izipho. ✓ (1)

5.2	<b>INANI</b>	<b>IGATYA</b>	<b>UDIDI NOLWALAMANO</b>	
A	Umfundi akatshoni ziimviwo ✓	Igatyia eliyintloko ✓		
B	Ozifundisisayo iincwadi ✓	Igatyia elibalulayo lichaza isibizo umfundi ku-A ✓		(4)

- 5.3 Umfana uthe ✓ makahlale ✓ apho ade abuye. ✓ (3)  
 [9]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 30

**AMANQAKU EWONKE:** 70